# IPALAMENTE.

Ngeveki egqitileyo i Bandla e Kapa belisingete umcimbi obuhlungu wokutenjwa nokungatenjwa ko Rulumeni ka Sir Gordon Sprigg. Umdululi ibingu

MR. MERRIMAN, ote eli Bandla malivumelane kwelokuba " u Rulumeni akasatenjwa li Bandla." Walate ubufutshane buka Rulumeni entweni zolaulo, ezinje ngezokuzamela uxolo njengokuba linyewezela pakati kwama Bulu ne Transvaal.

U SIR JAMES SIVEWRIGHT ulandele ekusela u Rulumeni, ebonisa ukuba uzamela uxolo. Ingabubudenge ukubaqetula ngeloxesha, zekuyiwe kupitizeliswa abavoti.

U MR. INNES ute njengokuba ebehleli kwisitulo saba ngamamkeliyo u Rulumeni, ubengafeketi; uyakuxasa u Mr. Merriman. Lo Rulumeni isiqingata yi Bonti, esinye sesobu Biritani angatanda ukulwa i Bonti poqo. Uvakalise ukuba uyazikulula ekongameleni abangamamkeliyo u Rulumeni.

U CAPTAIN BRABANT ute ubengamamkeli lo Rulumeni kuba ebenesikwa silima se Bonti, oyi Bonti mpela akamtandi ngapezulu, ngoko akayi kumxasa u Mr. Merriman.

U MR. SCHREINER ute eli asililo ixesha lamabetyebetye kwizitulo zabapati bo Koloni, uya kuxasa icebo lelungu lelama Qwelane (Mr. Merriman).

U MR. A. S. DU PLESSIS ute akasoze amxase u Rulumeni ono Mpatiswa Misebenzi (Sir J. Sivewright) ngokuba equbela pambili ishishini lamalahle angengawo ale Koloni.

U MR. JOUBERT ute lo Rulumeni wabekwa ngu Mr. Rhodes esitulweni. Akayifane.e indawo njengokuba elolungu lingayifanele.

U MR. VAN DER WALT urorele ubutataka balo Rulumeni ongenako ukulikokela i Bandla.

U MR. BROWN ute noko angamtandiyo u Rulumeni eli asiloxesha languqulo.

U COLONEL SCHERMBRUCKER ute umbuzo asikukuba makapumena lo Rulumeni, kodwa kuya kulandela ntonina akuba epumile. Akalamkeli icebo lokungatembi.

U MR. RAUTENBACH ute ulusizi ukuba anyanzeleke ukuba avote ukungamtembi u Rulumeni. Yanele imibuzo emnyanzelela koko.

U SIR GORDON SPRIGG ukalazele ukuba abandululi bepumile e Bandla kanti ubengabangamva xa azitetelelayo.

U MR. TAMPLIN ute ibiyakuba yenye into ukuba elicebo belindululwe ngoyintloko ye Opozishini, kodwa akalamkeli esandleni selungu lelama Qwelane.

U MR. DOUGLAS ute u Rulumeni uqube ngamacebo apolileyo. Uyamxasa.

U MR. DU TOIT ute umzi awuyamkeli into yokugovalala kuka Rulumeni.

U MR. VAN ZYL ute akanankolo ukuba u Rulumeni wayengazi xa izixobo ezininzi zazisiwa e Johannesburg.

U MR. JONES ute akaboni bantu bafanelekileyo banokutata indawo ka Rulumeni noko angamtembiyo.

U MR. J. S. MARAIS uxase ukungamtembi u Rulumeni.

U MR. FAURE upendulele u Rulumeni kumcimbi wokutembisa uncedo kwi mikosi ye Nkosazana ukuba ivule amazibuko ase Transvaal, esiti babengena kwenza ngakumbi.

U MR. SOLOMON ute ungene e Bandla engongamtembiyo u Rulumeni, unyanzelekile ukuba atabate ituba lokuqala lokumqetula. Akunakubako Rulumeni ungenelisiyo njengalo banaye.

U MR. BEARD ute akanamatanda ngendlela amakabambe yona ngobobusuku. Yonke into emandla isondezwa ngamadoda angenguye u Rulumeni. Uyakuxasa icebo.

U SIR GORDON SPRIGG wenze isixwexwe senteto yokuzipendulela, ekanyeza inteto agxekwa ngayo.

Ependule u Mr. Merriman i Bandla lahlulelene

| | |
|---|---|
| Abaxasa icebo | 36 |
| Abalicasileyo - - | 36 |

UMHLALI-PAMBILI ute yindawo yake ukuba abe ngakwabalicasileyo icebo. Sidwelisa amagama :—

ABANO MR. MERRIMAN.—36.

| | |
|---|---|
| Beard | Marais, J. S. |
| De Waal, P. | Merriman |
| De Wet, D. N. | Mol ten o, *J.* C. |
| Do Wet, P. J. | Molteno, J. T. |
| Du Plessis, A. S. | Rautenbach |
| Du Plessis, J. P. | Sauer |
| Du Toit | Schreiner |
| Hay | Smith |
| Holtzhausen | Sonnenberg |
| Immelman | Theron |
| Innes | Van den Vyver |
| Joubert | Van der Walt |
| Kleyn | Van Heerden |
| Krige | Van Wyk |
| Le Roex | Van Zyl |
| Luttig | Weeber |
| Marais D. J. Wolfaardt | |

Ababali:—Messrs. Dempers no Solomon.

ABANGAVUMIYO.—36.

| | |
|---|---|
| Abrahamson | Olivier |
| Barnato | Pearson |
| Brabant | Rhodes |
| Brown | Robertson |
| Crosbie | Ryan |
| De Villiers | Schermbrucker |
| De Waal, D. C. | Sivewright |
| Douglass | Smartt" |
| Faure | Sprigg |
| Frost | Te Water |
| Fuller | Thompson |
| Haarhoff | Upington |
| Jones | Venter |
| Laing | Warren |
| Lawrence | Wege |
| Louw | Weil |
| Norton | Wood |

Ababali:—Dr. Berry no Mr. Palmer.

O Dr. Vanes no Mr. Wiener, abaxasi, babetene BO Mr. Logan no Mr. Tamplin abangavumiyo.

## Imikosi eza e Qonce.

Fan'ukuba yi *Cape Argus* eyaqalayo ukuteta ngokuza kwama Joni evela Pesheya, isiti aza kubekwa apa e Qonce. Kwade kwavakala nokuba iza kukangelwa i Barakisi, ukwenzela imikosi leyo indawo. Kubuye kwafika udaba oluti ikaba le King's Royal Rifles liza e Qonce, luvela Engilande. Ose Bai uti kufike u Colonel Nixon no Major Ludlow besinga e Rini nase Qonce, bekangela indawo yokubeka ama Joni lawo. Kuninzi okutetwayo ngawo, ekungeko matandabuzo kona ngokuza kwemikosi. Iziteti za Pesheya zibambene, ziti ezinye kufunwa imfazwe na, zabe ezinye zisiti kokona kufunwa uxolo, kuba indoda ipulapulwa ngokwaziwa ukuba inomkonto nayo endlwini. Yimivuyo apa ngokuza kuka "Tommy Atkins" ngokubekiselele kwi *bizinisi.*

## Ema Mpondweni.

Umbaleli ose West Pondoland uti:— " Impi apa iqalile iti lomfo kutiwa ngu Jabavu utetelela nama Mpondo ngumnina? Yinina angabohambela kweli letu, simbone, simazi, lomnumzana utanda inkosi zetu. Nditi mna akana xesha uyasebenza yonke imihla nzima. Ngemvume yo Mdali bobelde balitate ipepa elimnandi IMVO, ndizamana nabo nam ngalo."

"Ingqele enkulu endaka ndanayo ndingumntu nje yapeliswa lelika Chamberlain Lokohlokohlo," ubhala atsho u N. H. Norton, wase Sutter Creek, Cal. " Lengqele yandibangela ukohlokohlo, ndikupa izikohlela louke ixesha. Eliyeza landipilisa, ke ndifuna bonke abahlobo bam xa bakatazwa lukohlokohlo, okanye yingqele basebenzise lona, kuba liyakuba nceda." Litengiswa ngu R. Lumsden and Co., Umtengisi mayeza e Qonce.

# IKONFERENS..

YAMA WESILE.

NGOLWESI-NE APRIL 29.

Ingxelo yetu yokugqibela yati ga ngedinala. Ngolusuku ukumkakomhla, Ikomfa iqube ukuqwalasela Ingxowi yabapumli nabahlolokazi babafundisi yapumelelisa izigqibo ngenxaso, ezizigqibo zoka zikangelwe ukusebenzi kwazo iminyaka emihlanu.—Kulandele Ingxowa yenxwaleko. Kwavunywi ukuba kuncediswe kulengxowa aba— Rev. G. Mbongwe £5, Mrs. Jas. Lwana indleko yokungewaba £4; Rev. W. Sigenu £6; Rev. D. Msikinya £13; Mrs Malunga ukungewaba £5; Rev. N Matsepe £5; Rev. J. Bunga £5 10 Rev. Luke Msimang £2; Rev. Simon Msimanga 10s; Rev. J. B. Yekele *£5.*

—Into zokwaka zikangelwe kufumaneke inkulu intshukumo yolohlobo kwindawo ngendawo.—Kwasingatwa ingxelo ngezikolo ze Cawa nenqubo yozilo. Yahlukana impi ngo 5'30.

Ngo 7 ngokuhlwa i Komfa ihanjelwe liqela elikulu labafundisi namagosa ezinye imvaba, beza kuyibulisa nokuvuyisana nama Wesile ngomsebenzi wabo. U Rev. J. Harper ulese umbuliso oshushu, wasekela u Rev. J. D. Don ngesipitshi; kwaqokela ngesi Xosa u Mr. R. Mantsayi, waqukumbela u Mr. J- W. Varder egameni le Papataizi. Umongameli ucele u Rev. *J.* Whiteside no Mr. H. A. Oliver ukuba bapendule egameni le Komfa, batsho ngobuciko obukulu, ngokukodwa u Mr. Whiteside. —Bepumile abatunywa kuqutywe isincoko ngomsebenzi ka Tixo de kwali xesha lokuba ivalwe i Komfa ngo 9'45.

NGOLWESI-HLANU, APRIL 30.

Kuqutywe umcimbi we mihlaba nezakiwo; emva kwawo kwaxoxwa nge Sinala Yokufundisa Abafana Ubufundisi, nengxowa yalomsebenzi, kwavunyelwana ngezondawo. Kunyulwe le Komiti ukuwuquba lomcimbi :— President, Obeyi President, Unobala we Komfa, Revs. J. Thompson, M.A., T. Chubb, B.A., Unobala we Gqugula Labavavanyi, no Mr. C. Lewis. Kunyulwe u Rev. T. W. Pocock no Mr. H. A. Oliver ukuba babe ngabageini maliyale ngxowa. Ukumiswa kwama Qela obu Wesile (Wesley Guild) kwaxoxwa kunene, kwanyulwa i Komiti yokusasaza ezondaba.— U Rev. J. Whiteside ucelwe ngamxelo mnye ukuba abale ibali lobu Wesile e South Africa, eyoshicilelwa ekuqaleni kwe Century ezayo engu 1900 emva kweminyaka emitatu ngalo sikuwo. Emva kokufundwa kwengxelo ye Sinala, yacitakala intlanganiso ngo 12'45.— Kuhlangenwe ngasemva kwedinala, kwaqutywa umsebenzi omninzi wentlanganiso, pakati kwayo yaba kukusekwa koviwo Ezibalweni nenewadi Yemibuzo nebali lobu Wesile lwezikolo ze Cawa zesipo. O Revs. P. Tearle, W. J. Hacker, no Mr. A. E. Brookes, banyulelwe ukuba bahlahle uhlobo lokuqutywa kwalo. Kwagqitywa ekubeni kushicilelwe kuguqulwe Incwadi Yemiteto eyalungiselelwa ngu Rev.J.Thompson, M.A., ngokucelwa yi Komfa. Malunga nemicimbi yencwadi icukunyisiwe nendawo yo Guqulo lwe Zibalo esi Xoseni, waza u Rev. R. Lainplough wafunda incwadi ezivele kwi Bandla le Baibile. O Revs. T. Chubb, G. Kakaza, Ellis J. Williams no Mr. Tengo Jabavu betetile, kugqitywe ekubeni ibuyiswe umva indawo yokuhlaziywa ko Guqulo luka Appleyard kude kupume olu lutsha. U Mr. J. Tengo- Jabavu unyulelwe ukuba abe ngomnye waba Hlaziyi be Zibalo esikundleni so Rev. E. J. Barrett, opume ngokuba engaboni kakuhle. Umcimbi we Bengu-Seplan undululwe ngobeyi President. Kuketwe abatunywa abango Rev. E. Magaba, Captain Veldtman, Mr. Solomon Kalipa, no Mr. Tengo-Jabavu, ukuba baye kulo Sakiti baye kulungisa izipitipiti e Seplan. Kugqityelwe ngombulelo kwi President ukuqukumbela intlanganiso engenwa nangaba ngengabo bafundisi.

Ngokuhlwa kolusuku abafundisi abantsundu namagosa bamkelwe e Sinagogweni nge tsatsioni emnandi, ebilungiselelwe ngamanenekazi e Remente, wavumisa kunene u Mr. Paul Xiniwe.

NGO MGQIBELO, MAY 1.

Ingene eyabafundisi bodwa, kwabuliswa u Bishop Taylor wase America. Ukwabiwa kwaba fundisi kulonyaka kufeziwe. Kumiselwe aba: — E Kapa, C. W. Lister; Abantsundu, Elijah Mdolomba; Ookiep, T. Oldman ; Kamiesberg, Thos. Cheeseman ; e Rini, A. E. Griftin; E Bai (owesibini kwa Bantsundu) W. Jijana, (kwa Bamhlope) W. W. Rider; e Rafu, C. Pettman ; Cradock (Kwabantsundu), wotunyelwa; Somerset East, W. Wynne; e Mpofu, A. Graham ; Enqwebebeni, J. Mkosi; Komani, B. S. Dlepu; Kamastone, J. Start; Qonce, D. Ntlabati; Mount Arthur, D. B. Davies; Fransbury, J. Mahonga; Cala, J. T. Smart; Seplan, E. Magaba ; Butterworth, J. Mtobi; Ncambele, J. B. Yekele; Buntingville, Harvey Wilkinson; Ecancele, W. Giwu ; Jagersfontein,C. Mbete; Blekana, C. Lubisi; Bethlehem, J. W. Househam; Lindley, E.P. Thomas; Durban, J. McAllister, (Kwabantsundu) Warner Yako; Stanger, E. J. Williams; Verulam (Kwabantsundu) W. Holford; Endwedwe, P. G. Mtembu; Pietermaritzburg, A. E. Howse; Catoridge, L. Msimang; Edendale, R. M. Sikutshwa ; Indaleni, D. T. Fraser; York, W. Mears; Estcourt, C. K. Hodges; Ladysmith ne Jononoskop, W. G. Mtembu; Evansdale, J. R. Cameron; Dannhauser, W. M. Douglas, B.A.; Newcastle, A. A. Stile; Harrismith, J. Bunga.

NGE CAWA, MAY 2.

Umhla we Cawa waba nomsebenzi wenkonzo nje kwangengapambili. Kusasa kushumayele u Rev. Wesley Hurt kwi Wesley Church (yabamhlope), yangu Rev. J. Whiteside ngokuhlwa, Emva kwemini kubeko inkonzo yosapo ipetwe ngu Rev. Joseph Ward. Kweya Bantsundu kushumayela u Rev. G. Kakaza intshumayelo yqbuciko nesitileyo kubapulapuli bebaninzi (kuba kaloku amapandle ayebizelwe ukuba abe lapa edolopini). Inkonzo yokwamkelwa kwabafundisi ababini abantsundu ibe kwityalike yabantsundu, ukumka komhla, apo kwahlulelwa kumsebenzi wobufundisi ebuzeleyo o Revs. C. Mbete, no J. B. Yekele, waposa isiyalo esikulu esimnandi obengu Mongameli (Rev. Philip Tearle). [Esi siyalo simelwe ukuba intloko zaso zishicelelwe. Sobonakala kwelezayo.] Ngokuhlwa kushumayele u Rev. A. T. Rhodes, wavusa into endala, eteta kubantu bezalise indlu bexinene. Zonke ezinkonzo zaba mnandi.

Bamke bengawulibali umculo abafundisi abamhlope, o Rev. A. T. Rhodes no Rev, J. E. Parsonson.

NGO MVULO, 3.

Ngolusuku kwakuse kuqosheliswa yavalwa Ikomfa pambi ko *wani* kuhle Inconywa ngamacalana onke.

KUNGANINA ukuba unyamezele intlngu xa i Pain Paint ka MOULTON ineki kupilisa? Akuko ntlungu ingena kuyi mashumi amabini. Ipilisa ingqangqa mbo yamatambo, intlungu enkulu intloko ebuhlungu, izinyo elibuhlungu ukuruneka, ukwenzakala, ukutsha ukukohlela kwane ngqele. Eliyeza likulu lisetyenziswa ngapandle nangi pakati liya kudambisa ukudumba I lipilisa ezintlungwini. Litengiswa nge 1/6 nge Bhotile kuzo zonke ivenkie.—An j INGOZI ZKMINGXUMA.—Kufunyenwe abanye ababini abate kwingozi ye Langlaagte E Glen Deep kwenzakele Omhlope, , Knight's Deep kwafa Ontsundu.

# Abantu Ngabantu.

NGO LINDIPASI.

Kautsho mfo ka Jabavu zapela inkomo yimbumbulu, kutiwa kutintelwa u Lindipasi, evela kude ngapaya kwe Goli, namhla nanku apa elundini ndawonye nokudutyula kwenkomo. Kautsho mhlobo wohlanga, apo kade egqita kona ukuba lungakananina uncedo olwenziwe kudutyulwa kwenkomo? Ngapandle kwala mashumi alitoba eponti (£90) ngamashumi amatandatu enkomo, oko kukuti inye yi £1 10s nge nkomo. Nceda Nkosi upakele umzi, uzokuhlala ngetemba ukuba kuko uncedo okade lubako ngapaya kwe Gqili, yiva Nkosi yam andilwi ngumbuzo nje, ndibona esondela elwandle esuka kolunye ulwandle u Lindipasi. Kupela wena uti yekani u Rulumeni enze ukutanda kwake adubule inkomo. Kulungile ukudutyulwa ukuba kuko uncedo, tembisa Nkosi kungade kupele uhlanga lwenkomo engabongozwanga u Rulumeni ukuba akuko luncedo.—Ndim,

OWEGAZI (embusweni we Nkosazana.)
Qumbu, April 14, 1897.

IZIPOSO.

MHLELI otandekayo, — Ndipe isituba kwelopepa lakowetu. Kwipepa le 8 April, linenteto ebhalwe ndim, kuko umgca or igama elingafakwanga ngendlela endilibhale ngayo. Kumgca opambi kowokugqibela, ndati kuyoyikeka ukungcwaba into entle, kodwa kumnandi *ukuyixuma* xa idakayo; *ukuyivuma* yimposiso kubashicileii. Ngokusingisele kumgca oti: " Ukulunga kwababini nabatatu kuvakala emtandazweni." I N.E.A. yintlanganiso yomtandazo ngemfundo. Ayinanto inokuyimisa ibe lisiko ngentando yayo, into yayo inye kukucela, ibongoza umongameli we mfundo ukuba angaqubi ngamandla kwindawo ezitile nezitile, ngokuti nangokuti. Ukutsho yintlanganiso engenagunya lakwenza nto ngapandle kwemitandazo enokusiwa kumongameli ecela indawo ezitambileyo kwimfundo yabantsundu. Isicaka sako,

M. J. BOKWE.

NGE GLEN GREY.

MHLELI OTANDEKAYO, — Ndivumele ndipendule kwinteto ebonakele epepeni le 1 April, ebhalwe ngu "Mmi wase Glen Grey." (1) Ukuba ungummi makakumbule ukuba yi Glen Grey Bill eti makuraie nabafana, iti wonke umntu onokusebenza, asililo Bhunga, ngumnyaka wesitatu lo kuko i Bhunga lirafisa nabafana. Utenina u "Mmi" ukuba angayazi into eyenziwayo ixesha elingaka ezweni lake? Kanjalo zininzi intlanganiso ezingenayo kuketwa amadlala kule Bill, kutunyelwa nemitandazo ngabemi base Glen Grey. Kanjalo i Bhunga alikupanga mntu wokubala abafana njengoko utshoyo, likupe umntu wokulungisa amagama kuba kuko ubupitipiti ezincwadini ngokufuduka kwabantu ngolucando nokwamkela amagama abe ngekangeni ukuba ako. (2) Ngerafu ukongezwa etshungwini, akuko rafu yongeziweyo njengoko utshoyo wena, akulindeli sigqibo emcimbini xa uxoxwayo njengoko ubufanele; uyabona ke lomcimbi usemi. (3) Yirafu yendlela eyi 5s eyaziwa li Bhunga; zizipina ezi ati koyikiswa abantu ngayo u " Mmi " ?

(4)Nguwupina umtwalo onzima emzini owenziwe li Bhunga? Okanye yiyipina into yokungavelwa komzi? Nokuba yirafu, nokuba ngumteto wuxele. (5) Sagqiba ukuba ingxoxo zitunyelwe EMVENI, besita u Mhleli angaba akafufumani ndawo zimuandipisayo, ukuba akunjalo zibe azitunyelwa na ngu Nobhala ; asingomnqweno we Bhunga lowo. (6) Esi sikalo sako "Mmi" sisitukutezi, asahluke nganto kwesenjana ezingeka tungululi, ungalika zisenza isijwili njengokungati kuko nto izibetayo, kanti hai ayivakali into ekubetayo ulilela koka Sibeko nje. Uxolo Mhleli ngesituba esingaka.—Ndim,

B. MGCODO.

Zwaartwater, 16 April, 1897.

UCANDO E TRANSKEI.

NKOSI Y'AM, — Ndiceta abapulapuli bako ukuba baqonde ukuba eyona nene yile: 1. Umntu otamsanqelisa olucando makatamsanqelise intshukumo yobudenge equtywa ziziyata zamadoda ati xa adibene nenkosi ye Demoni ati akulula uhlanga ebukobokeni babelungu ekukonzeni u Tixo, ze iziqwala ziqwalele zilandele. 2. Mna ndingu Mbo wenene, Umpondo ngokuma. Nantsi inene yona, ngo September, 1896vndiye ku Mr. John F. Mazamisa evTranskei, intloko yamadoda afunavucando. Ndamcela imbilini yake nenevngocando ; wandihlutisa ngangoko namvndandilindele. Watsho wati: Ucandovmna (Mazamisa) ndifuna kuba ndinenkomo zininzi, amahashe, igusha,cukutya, imali ininzi, njalo-njalo, loba mnandi kum nabanye, kodwa amahlwempu, iziyata zamadoda kunye namatyala kubelungu bevenkile luyi ngozi ucando kubo. Watsho ndamqonda ukuba uuyanisile. Wati kuba ekuhambeni kwexesha sekucandiwe beza kum, bexinwe ngamatyala, babambise nge tayitile zabo ndibanike imali, ze ndibahlute lomihlatyana yabo. Umbuzo kubalesi njengoko kutsho ontsundu umntu ononyana, nabazukulwana, nabaza, nonyana babaza bake nje, utinina umlungu, owahlamba intliziyo mhla imfene yangena kwi Cape Parliamente?

Yintonina ebangele ukuba u Rulumeni atumele u Mr. Levey e Tsomo ? Omnye uti kwati kwati ngo Mr. Veldtman ngocando Iwase Hewu naseBofolo. Nantsi inene zihlobo zam, mayitetwe apa kwelipakade; lo mnumzana ndahlukene naye mhla wahambela e Capetown, wati esese ndleleni evela e Capetown waye oka Jabavu eshicilela izaziso zokuba, injengele enkulu yama Bikitsha yosoloko isamele abasebenzi abantsundu e Capetown.

Malunga no Messrs. Njikelana, Mgidi, Ndzimela e Transkei kuyaziwa ukuba bangati inkomo imnyama, ze wati u Mr. Veldtman, hai, imhlope lonkomo, bangati imhlope, Dlamini. Ma Transkei kumbulani lamanene angentla e Ngqamakwe nase Gcuwa, ate umhlaba mawucandwe ze abantu bafaliswe ndawonye, wona apiwe ifama. Nanko u Nongqause e Transkei, amadoda enqubela afuna aweziqu amalungelo. Wena ke Mhleli xa uyeka imati zako nje yinina ungake uzitatele nje kuba wena ungafumana inqata nobunzulu, ubutyebi ngebulakufesi. Tina namhla sipelelwe ngamandla xa impi yase Transkei ityutula aweziqu amalungelo.

Nditi yokumbula impi e Transkei ukuba ubu-Tile bangeniswa yindoda eyayifuna ubufundisi bama Wesile ngoburamente bayo, emfundweni yawa kuba yapumelela inene u Standard II, asihlazo linyala, yabuya isiti abelungu bandimonele, ndoshumayela kwaba ntsundu ndiyeke abamhlope, mna ndingu Rev. K. M., wazitiya u Reme, Wayeshumayeza tina apa sala ukumlandela, esiti xa upumile kweyabelungu wowuva u Moya ka Tixo. Uti ofuna ucando xa kwacandwa bokutala balime ngenyanga zonke abantu. Yininale! Anifundanga kwi Exodus xiii, 1,2 verses, Deuteronomy xix, 16. Yinina betu, tetani inene njengoko injalo. Namhla u Rev. Standard II amapepa emantyi yase Ngqamakwe, Transkei, amnyama zingcuka zika maneb ingenguye yedwa nowetu D. J. waye nesizatu wagijimela kweyofefe i Cawe.

Ndilapo Mhleli nabalesi, nditi qondani inene mpi yase Transkei naluvuma ucando niyaciteka kuba nizizidenge kudityenwe ngani. Icebo, icebo, icebo nali: Yalani nalupina ucando, ukuti u Rulumeni wocanda yena bubudenge obungetetwe nayi hangu. I Transkei yeyenu, nine tayitile, musani ukupika nabalwela amagama abo kuba engeko kulo tayitile. Ndovela nindifuna.—
Ndim,

FAIRPLAY.

West Pondoland, May, 1897.

U MR. N. N. OSBURN, umfo owazekayo wase Woodstock, Mich., waye katazwa ngu mqolo obuhlungu. Kwabonakala ukuba makake alinge elika Chamberlain Lokukohlela. Lamnika ukupumla ngobusuku obunye. Eliyeza lidume ngokupolisa kwi ngqangqambo yamatambo.

itengiswa ngu R. Lumsden & Uo., Umtengisi Mayeza, e Qonce,

## Isihelegu kwi ntolongo yase Kokstad.

Ngesipitipiti eke sako kwi ntolongo yase Kokstad ngomhla we 21 April, 1897, ngo 5 30 p.m., ukutshona kwelanga, xa kuza kuvalwa, uti umbaleli wetu eyehla pezu kwake lento, ipepa lase Kokstad liteta amampunge odwa. Inje lento baleseshi bakowetu, ibingamadoda amatandatu, iyi jela eyesixenxe. Igadi ezimbini ezinemipu zingene esiseleni sokuqala (Cell No. 1), zisesha; zapuma zangena kwesinye. Zakuba zingenile kwesesibini, yaduma impi ukuwela amapolisa lawo; enye yaya kuvalela igadi ezimbini ebezisesha. Kuvakale isigquzunga sengxolo, sekukubi; amapolisa ebulawa, seyiligximfi-gximfi, umbanjwa omhlope (C.M.R.) engecala lamapolisa. Okunene ulwe njengendoda kuba uhle wafumana ivolovolo, engekabi nantonga amapolisa. Yaligximfigximfi bewageca ngeziciko ze baketi, yaza ke ijela yazuza induma kunye namanye. Amapolisa ate ezuza ituba lokuba afumane imipu aye seletsho imitsi eluhlaza amatandatu awabalekayo. Ngapandle kwalawo matandatu akupumanga wambi. Yati ifika nempi ebiputuma ivela idolopini yafika kungaseko nto, evingee amapolisa enza uqilima ngembumbulu. Akubuyanga kubeko namnye otsibela ngapandle, basebe buyela kwangapakati kwicala labasebe gwetyiwe, apo ke ite impi eputumayo yabafumana kona.—Esinye isihelegu linqindi le Lawu, ekute ngolwesi-Bini olungapaya e Kokstad I Lawu labulala umntu ngenqindi. Lise zintanjeni siteta nje.

## Amanqaku akwa Matole.

Indaba apa yifiva efike ngohlobo eyabonwa pesheya kwe Nciba ngo 1895, isuke ibenze balale bonke endlwini; ayinamntwana kwanamntu mkulu, baye okunye besweleka. Inkoliso sitimbekile yiyo kusapo lwesikolo, lulele.
—Indaba apa zezokuba apelile amahlati okuyikusela le fiva, kuba akancedi amayezana ekulingwa ngawo; yaye inento yokusuke iti kanti umntu lo ubolile ngapakati. Aluncedi nosiba ekuvaswa ngalo. Kuyatutwa ukusiwa engcwabeni. Kulusizi nangabafana ababini base Lusutu, aba Hlainbeli, abatunyelwa ngabazali ukuba baze kufunda kweli lizwe bezalana, omnye omkulu imbambe nzima.
—Indaba apa kukugqobhoka kwabantu, bakwafana nokuba ifiva ingaka, kunye namaqela osapo olutsha ukungena ezikolweni.—Indaba apa kukwakelwa kwe titshala indlu eluxande, seyibekwa i zinki, nakuba ingangxanyiswa ihamba kancinane, kuba yaqalwa mayelana no March, 1896, " nditeta e Wesile."— Indaba apa kubonwe u Mr. Gqamana we Melika ngomhla we 29 April, 1§97 efika apa. Azikaziwa ezake indaba ukuba uza ngabunina, kodwa ngati uzokucela indawo yokushumayela esizweni sika Nkosi Mhlambiso. Asazi ke noko kakuhle, sobuya sive.—Indaba apa—amahlelo nobukolo bentsapo zawo matatu,—yi Tshetshi pezulu, yi Wesile pakati, yi Rabe ezantsi,—zonke ku Matole yedwa. Zinjalo apa. Ukuba impumalanga ne ntshonalanga beziko asazi ukuba bekuya kungena lipina ihlelo le cawa.

## Umboniso wase Cala.

Isandla sika Sir Gordon Sprigg, sixela ukuba ilikile ibokisi ene sampulu zento ezazibonisiwa e Cala, sibiila siti:—" Isampulu ezingadliwanga zimpuku, u Sir Gordon ucinga ukuba bezingafanelayo ukuboniswa oakuwupina umboniso e Koloni.

U MR. W. O. CARTEB wase Qonce unga angaziwa abahlobo bake abaninzi kwabantsundu ukuba akasenanto nevenkile apa angakwa Pascoe; kodwa xa bamfunayo, ukuba abamele nantonina, njengokwangapambili, banokumfumana kwi stora esisemva komzi ka Mr. Hilner, wentsimbi zamaxesha—ADV.

NATIVE OPINION & GURDIAN
THURSDAY, MAY 6, 1897.

# THE WEEK.

THE Rev. Dr. Stewart, Principal of Lovedale Institution, is at present on a visit to Capetown.

GOVERNMENT intends to submit proposals for a detailed survey of a railway through the Transkeian Territories.

HEAVY rain and snow have fallen during the early days of the week, and mortality in stock is reported from all quarters.

ALL good wishes to Mr. McWilliams, the veteran market master of King williamstown, on his holiday trip to the Old Country. Mr. T. B. King is equally welcomed back hither.

IT is gratifying to learn that the alterations to Holy Trinity Church in this town, now going on, are having the effect of improving the building immensely.

THE King of Greece has been obliged to dismiss the Delyannis Ministry owing to reverses in the Greco-Turkish war. These appear now to have received a check.

THE Chambers of Johannesburg have agreed to a further reduction of Native wages by 30 per cent. Schemes are being concerted for the reduction of house wage, male and female.

A FIRE of an appalling nature is reported from Paris, at a bazaar attended by the " upper ten." A hundred charred bodies have been recovered ; more are still buried in the debris, besides many injured.

THE *Cape Argus* learns that a marriage has been arranged between the Hon. C. Abercrombie Smith, Auditor-General of the Colony, and Miss Horne, sister of the Surveyor-General and the Civil Commissioner of the Cape Division.

ONE thousand bags of mealies were sold at East London last week at 2s. 6d. per bag, plus duty. There are enormous quantities of imported mealies in the country, mostly infested with weevil, and crops of Colonial mealies have turned out better than was expected a few weeks ago.

Mr. GARCIA, C.C. of King williamstown, and Mr. Landrey have been summoned to Capetown, no doubt over the alleged thieving propensities of the Ntindo location. It is to be hoped that whatever measures are agreed upon they will not be for the unsettling of the innocent Native in other parts of the district.

THE house of the Editor of this paper was broken in, during the absence of the inmates at a Conference conversazione on Friday evening last. The burglar found his way in by forcing the window catches of the main building and the study ; and then broke the lock of drawers and trunks, scattering clothing about, evidently bent on stealing money. As usual with journalists' dwellings, no money was found. It would seem the party returned in time to cut short further depredations.

## Curious Politics.

A NO-CONFIDENCE motion in the SPRIGG Ministry, moved by MR. MERRIMAN on Friday last, resulted in a tie, after a very heavy vote -36 for and 36 against—in a House of 79, including the Speaker. To keep up and old and wholesome tradition, the Speaker gave his casting vote for the Government, to keep the matter open. In any other country, say in England, the Government would not have deemed it to consort with propriety and self-respect to remain in office after such a vote, failing that they would have forthwith announced a dissolution ; for it is not only an unheard of thing for a Government to carry on without a majority, but it is positively beneath dignity. The position is, if possible, more untenable when it is considered that the bulk of those who voted against the No-Confidence resolution openly avowed themselves as having no confidence, but acted as they did from a fear that a worse Government will be installed in office. Of course such a fear only becomes tyros in politics ; and it is surprising to find it actuating politicians like Dr. BERRY, Mr. JONES, and Mr. TAMPLIN, who were not supposed to be of the jellyfish order. With all due deference, we cannot help feeling that these gentlemen enacted a political farce, unworthy of a young men's debating society, on Friday evening last. They were returned as avowed Members of the Opposition, but at the first appearance of an opportunity of putting their principles to the test, they have executed *vole face* with an astonishing agility. There action is an episode in Cape politics which rational voters will not soon forget; and for which they will doubtless be called to a severe account at the forthcoming election; for such gross desertion of principle is unparallelled even in the unparallelled politics of the Cape- No wonder that Mr. INNES has felt it to be his duty to throw up the Leadership of so protean a crowd in despair. We sincerely condole with the honourable gentleman on such a shameful betAyal by his own party on the eve of a critical, yea, crucial battle with his life-long opponents. The reason put forward by Captain BRABANT for the Opposition escapade, that it was not that they loved the Ministry more but that they cared for Mr. MERRIMAN less, will pass muster with the Marines, certainly not with politicians of penetration. The aim of the Opposition for years has been to separate politicians lacking backbone from the Bond, and placing that party in a position in which it would not dominate the policy of the Government. If ever an opportunity offered of achieving this, it was last Friday. The Bond were prepared to assume responsibility for their policy; and they got Mr. MERRIMAN, who has no following, to move the decisive vote. The result, if the Opposition had stood to their guns and not basely deserted their Leader, would have been that the Ministry would have been unseated by Bondmen and the Opposition. The Leader of the Bond would have been called in to form a Cabinet, which Mr. INNES'S party would have been under no obligation to support. In one day it would have been seen that a purely Bond Ministry would be without a sufficient following, while Sir GORDON SPRIGG'S followers joined to Mr. INNES'S on the Opposition would have been strong enough to form a Government that would run on Liberal lines. In less than a week the new combination would have unseated the Bond Ministry, and a powerful progressive Cabinet would have been installed. We shall never forget that this has been thwarted by weak-kneed gentlemen who masqueraded as the Opposition before the electors, but who, in reality, were Wobblers of the first water.

## Troops for King.

WE think it is the *Cape Argus* which first announced that Imperial troops were again to be stationed in Kingwilliamstown. Our contemporary stated this as a fact, while the information was still regarded as a *canard* in the place. Then, a further announcement was made that Colonel COLQUHUN was coming to inspect the barracks with the view of the accommodation of the soldiers. Over and above this, the well-known Capetown correspondent of the *Watchman* has telegraphed that a half battalion of the King's Royal Rifles (83rd Regiment) is to be stationed here. From Port Elizabeth comes the news that Colonel NIXON, Major LUDLOW, and a couple of other staff-officers, arrived there from Capetown on a tour of inspection. The officers leat on Monday for Grahamstown and Kingwilliams town, for the purpose of inspecting the present barrack accommodation in view of the arrival of the soldiers now on the water for South Africa. It is proposed to station one of the regiments in .the Eastern Province. The *African Critic,* published in London, has a paragraph giving currency to the British War office rumours, in which Kingwilliamstown is pointedly referred to as a depot for Imperial troops. Of the coming of the soldiers, then, there now remains no doubt. Sir MICHAEL HICKS-BEACH has asked £200,000 from the House of Commons for the material increase of the British garrison out here ; and Mr. CHAMBERLAIN and Mr. BALFOUR have warmly defended the policy of Her Majesty's Government, which was called in question by Sir WILLIAM HARCOURT as one of war with the Transvaal. That the intrduction of the troops may have the effect of minimising the chances of war, is the belief of the more peace, fully disposed inhabitants. And were this doubted Mr. CHAMBERLAIN'S object, stated by himself, should dispose of any misgivings that may be entertained on the question of peace. Said the Secretary of State for the Colonies :—" They were engaging in no aggressive operations whatsoever, and it was ridiculous of Sir WM. HARCOURT to have called the modest demand of £200,000 an aggressive policy when the Transvaal had expended upwards of a million, and was still buying Maxims, batteries, and millions of rounds of " ammunition, and arming to an extent absolutely unjustified by a " policy of defence. The armaments "of the Transvaal were altogether "disproportionate to the British defensive resources, and he believed "that loyal Colonists at the Cape were gratified that Government recognised the position. It was only intended to send a Brigade of Artillery and an additional Regiment, which increase would be permanent. Locally, the advent of " Tommy Atkins " is looked forward to with much satisfaction, more particularly from a business point of view. The prosperity of the place was considerably affected for the worse by the removal of the Imperial troops ; and no wonder their return has thrown many of the inhabitants into paroxysms of delight. The presence of British officers will put more life into the community.

## European Interpreters.

GOVERNMENT has thought fit to dispense with the Native Interpreter in connection with the local Divisional office, and appoint a European in his place. The change appears to have been brought about by the mutual jealousy which seems to be so characteristic of the average so-called educated Native, who appears unable to tolerate the spectacle of one of his class placed in a position of responsibility or honour without being filled with feelings of envy. These generally lead to acts of uncharitableness, under the impression that by some mysterious means the emoluments, which were ample for one individual, can be enjoyed by a number of those leagued against him. The thing is of course absurd; for it is patent and clear that a position which sufficed to support an individual cannot be made to keep up a score of hungry fellows who gaze on it with canine longing. So it has happened that the local Native Interpreter, a man well qualified by education for the work he had to do, and certainly above the run of his class in the Colonial Service, is hounded out by anonymous, mendacious, and malignant letters in newspapers from his fellows. In these circumstances Government has decided upon appointing a European in his place ; and perhaps the snarling and snappish crowd will be silenced. But our people have nothing to thank them for, for having driven the Government to the conviction, that even for the positions in the Civil Service supposed to be the only ones that Natives could fill, Europeans are indispensable. Hence Mr. JOSEPH S. CUMMING, of Middledrift, takes the post heretofore occupied by Mr. BENJAMIN SAKUBA, as Interpreter in the Magistrate's Court, Kingwilliamstown ; not so much on grounds of qualification as the evil work of Natives themselves.

## Grim Apathy.

NO more important measure of reform has ever been introduced into Parliament than Mr. ROSE-INNES'S Liquor Amendment Bill. It has in it the living principle of prohibition to Natives in country districts, where the Licensing Court sees fit to enforce it. On it depends the satisfactory solution of a variety of troublesome questions that have vexed the South African community- The Labour question, the Stock-thieving troubles, and the crimes against persons which give so much work to judicial establishments and fill gaols, are all traceable to drink. The Natives have said so, and requested by petitions and meetings that drink should be prohibited to them. Yet when Mr. INNES has been induced to address himself to the reform of the evil, the Government has cold-shouldered him, while the people have refrained from crying " Shame! " on so callous and careless an attitude. The Farmers' Associations, who represent those who stand to reap immediate benefit from such legislation, have not moved to encourage Mr. INNES with resolutions and petitions; nor have the Temperance Societies, under various and varied colours, throughout the land, justified their existence by helping to get up an agitation. Such apathy takes the heart out of one, and should be severely rebuked. There are many things the reformers of this country will have to *go* to the Bond for to study. See when the Dutch language question was coming before Parliament. For three or four years [the Bond rained down petitions on the devoted head of the Legislature until the request was granted. When the Dutch members were fighting the Scab Act, petitions were sent from every nook where a handful of Bondmen could be found. This had its effect upon the House. The advocates of reform in the Liquor' Laws might well have taken a leaf out of the Bond book. Even now it is not too late to flood the Legislative Council with petitions in favour of Mr. INNES'S Bill, to strengthen the hands of the promoters there. Let all then be up and doing; a long pull is required, and a pull altogether.

## THE OPPOSITION.

THE Opposition, as led by Mr. INNES, has come to an unworthy an untimely end, by reason of its component parts being unable to stick to principle. We are sincerely sorry for this, as it will be difficult to have a leader more generally esteemed. So we read that on Monday last the benches usually occupied by Mr. ROSE-INNES, once Leader of the Opposition, and his thirteen followers were vacant and the honourable and learned gentleman now a mere " private member, ' with his friends, sat on the cross benches under the Strangers' Gallery, and on the left side of the House. Mr. MERRIMAN and Mr. SAUER took their old seats on the back bench of the Opposition side; Mr. SCHREINER his regular seat on the back Government bench. Anything to put an end to this chaos would be welcome.

## Rinderpest.

THE week has proved a disastrous one, on other than political grounds. Sorrowful news has been received that rinderpest has broken out on farms in the Burghersdorp and Aliwal districts, and Dr. KOCH'S cure is proving a failure. The only consolation is that Government does not intend to give up the policy of stamping out, and confining the evil as much as possible. But the success of that policy depends upon the people helping all they can, so that the spread of the plague might be made as slow as possible if it cannot be put a stop to absolutely.

## Glen Grey Act.

THOSE who smugly speak of the satisfaction the Glen Grey Act has given where it has been applied, will have their eyes opened by the following special wire to IMVO : —

LADY FRERE, Saturday. — A representative meeting of Glen Grey residents, held yesterday, resolved that a deputation be sent to interview Government on the Glen Grey Act.

# Wesleyan Conference.

THURSDAY, AFRIL 29.

Our notice last week of the work of the Conference was necessarily cut short at the close of the morning sitting last Thursday. In the afternoon a table of annuities was, after consideration, adopted for a term of five years in connection with the Supernumerary Ministers and Ministers' Widows' Fund.— The Conference considered claims on the Contingent Fund. The cases of ministers who had suffered severe personal and family affliction received consideration, and a number of grants were made from the Contingent Fund. — A lengthy report concerning Trust Property was submitted. The report indicated extraordinary activity in building churches, schools, parsonages, etc. A still larger number of applications for permission to build during the ensuing year were received and considered. — Reports and schedules relating to Sunday School and temperance work were presented to the Conference.—The Conference adjourned at 5'50.

On resuming at 7 p.m., the Conferencecreceived a deputation from the Presbyterian, Baptist, and London Mission Churches of the town, who were introduced by the Rev. Henry Cotton. An address of welcome, of a most catholic and brotherly tone, was read by the Rev. J. Harper, after which the Rev. J. D. Don delivered a most interesting speech. Mr. R. Mantsayi, a Native layman, also addressed the Conference in his own language, and Mr. Varder on behalf of the Baptists. At the call of the President, Rev. J. Whiteside and Mr. H. A. Oliver replied. After which " the conversation " on the work of God was taken till the adjournment at 9.45

FRIDAY, 30TH.

The consideration of Trust properties was considered, after which the subject of a Theological Institution and a fund for the purpose were agreed to. The following committee to undertake the matter : — The President, ex President, and Secretary of the Conference, Revs. J. Thompson, M.A., T. Chubb, B.A., the Secretary of the Board of Examiners, and Mr. C. Lewis. Rev. T. W. Pocock and Mr. H. A. Oliver were appointed Treasurers of the Fund,—The establishment of Wesley Guilds engaged attention, a committee being appointed to disseminate information.—Rev. J. Whiteside was most heartily invited to write a history of Methodism in South Africa, to be published at the beginning of the new century.—After the reading of College reports, the Conference adjourned at 12'45.— On re assembling at 3 p.m., a good deal of routine business was transacted, among which was the establishment of connexional examinations in Scripture knowledge, the Catechisms, and the History of Methodism for Sunday School children. Revs. P. Tearle, W. J. Hacker, and Mr. A. E. Brookes were appointed to draft a scheme.;— It was decided to publish a Manual of Rules, which Rev. J. Thompson, M.A., had prepared at the request of the Conference. Under the consideration of book affairs the subject of the Kafir Bible Revision engaged attention, Rev. R. Lamplough reading correspondence with the Bible Society. Revs. T. Chubb, G. Kakaza, and Ellis J. Williams, and Mr. Tengo-Jabavu having spoken it was resolved to defer the further consideration of a new edition revised of Apple- yard's version of the Scriptures until the new version is issued. Mr. J. Tengo-Jabavu was appointed to the Board of Revisers of the Kafir Bible *vice* Rev. E. J. Barrett, who has resigned through failing sight. The Bengu-Seplan case was introduced by the ex-President. An influential deputation, consisting of Rev. E. Magaba,Capt. Veldtman, Mr. Solomon Kalipa, and Mr. J. Tengo Jabavu was appointed to proceed to the Circuit and affect a settlement of disturbances in the Seplan Circuit. Votes of thanks to the President then ended the session at which laymen are present.

SATURDAY, MAY 1ST.

The Conference meet again in Pastoral session when it welcomed Bishop Wm. Taylor, of America. The stations for he year were confirmed.

SUNDAY, MAY 2.

Sunday was as fully occupied as the previous Sunday with public services. At Wesley Church the Rev Wesley Hurt officiated in the morning, and the Rev. Joseph Whiteside at night. The Rev. Joseph Ward conducted a service for children in the afternoon. At the Native church, Rev. G. Kakaza preached an eloquent and impressive sermon before a large congregation (the country societies having been summoned into town). The service for the ordination of two Native ministers was held in the Native Church in the afternoon, when Revs. C. Mbete and J. B. Yekele were Set apart for the full work of the ministry, the ex President (Rev. P. Tearle) delivering a powerful and suitable ordination charge.—In the evening Rev. A. T. Rhodes preached with his wonted fire and power to a crowded congregation. All these services were much appreciated.

MONDAY, MAY 3RD.

Purely closing business was transacted on this day, the Conference being closed a little before one p.m. It is highly spoken of on all hands.

# TO-DAYS CABLES.

[BY REUTER.]

THE RAID INQUIRY.

LONDON, Tuesday.—At to-day's sitting of the South African Committee, Mr. Lionel Phillips was examined. He stated that he was most reluctant to take part in the political agitation, but events subsequent to 1894 convinced him that a merely constitutional agitation would be fruitless.

HOMEWARD.

LONDON, Wednesday. — The RMS Tintagel Castle arrived at Plymouth at noon to-day.

NEXT WOOL SALES.

The total quantity of wool to- be offered at the current series of sales is 270,000 bales, of which 18,000 bales are from South Africa.

MORE TROOPS FOR CAPE.

*The Times* states that the second battalion of the Dublin Fusiliers (the 103rd; badges, the elephant and royal tiger), at present stationed in Bombay, has been ordered to proceed to the Cape at an early date, instead of in Autumn.

DECIDED TO CONTINUE.

The Greek Cabinet has decided to continue the war.

READY TO MEDIATE.

Replying to a question in the House of Commons last night, Mr. Curzon, the Under Foreign Secretary, said that negotiations were proceeding among the Powers, who earnestly desire to see the war terminated, but it was impossible to tender mediation unless it was known that the offer would be welcome.

WOOL LOWER.

I Midnight], - Scoured Wools rule five per cent, below last sales rates.

TROOPS FOR CAPE.

It is confirmed that the Dublin Fusiliers are to leave Bombay for the Cape almost immediately, instead of in the autumn. It is also stated that another brigade of Artillery is going to the Cape, probably from India.

THE PARIS FIRE.

The belief that the Duchess D'Alengon was one of the victims of the Paris fire is confirmed. One hundred and eleven bodies have been recovered up to the present.

GREEK VICTORY.

The Turks have again been repulsed at Valestino.

A BRITISH M.P.

The Greeks have captured a schooner in the Gulf ot Salonika with Mr. Ash- mead-Bartlett, M.P., on board.

GOLD COAST TROUBLE.

All available Houssas have been sent to the Gold Coast owing to the disturbances in the Hinterland.

# TO-DAY'S TELEGRAMS

ARRIVAL OF NEW GOVERNOR

CAPETOWN, Wednesday.— The RAIS Norham Castle, with Sir Alfred Milner, the new Governor and High Commissioner, on board, arrived this afternoon. In anticipation of the early arrival, Adderley Street was decorated last night with bunting, and presented a very pretty scene this morning. People began to arrive early, and were somewhat disappointed on finding that the mail bad not arrived. They hovered about though and when the steamer was signalled Adderley Street was soon filled from top to bottom. The troops arrived shortly after one o'clock, and lined the route from the Docks to Government House. Sir Alfred was met, on arrival, by Sir Gordon Sprigg. He landed at three o'clock and drove to the reception platform erected in front of the New Post Office, where addresses were presented from the principal municipalities, the Chamber of Commerce, and others. Sir Alfred was heartily cheered *en route,* and, in reply to addresses, expressed his thanks for the warm welcome, and said the concluding portion of Mr. Fuller's address, viz.: "The inhabitants of Capetown desire that, by a firm, but conciliatory policy, your Excellency be able to promote the harmonious working within our borders and to bring about a sympathetic association of the various Governments and communities of South Africa, based upon a recognition of the just rights and aspirtions of those who compose them," expressed entirely what he hoped would be the policy, that he hoped it would be in his power to express. The Governor then proceeded to Government House, and on entering the avenue was met by the school children, singing the National Anthem.

WHAT'S IN THE WIND ?

DURBAN, Wednesday. — All army and navy reserve men in Natal have been officially notified to hold themselves in readiness.

BURGLARIES.

JOHANNESBURG, Wednesday.— Great excitement prevails at Germiston owing to the numerous burglaries. All the men in the banks are armed, and private persons are doing police duty.

STATE ATTORNEY RESIGNED.

PRETORIA, Wednesday.—Dr. Coster, State Attorney, has resigned owing, it is alleged, to a disagreement between him and the Government regarding the laws said to be contrary to the Convention. Coster, it is said, held the view that they constituted no breach of the Convention and should not be withdrawn.

# Cape Parliament

[BY TELEGRAPH. [

CAPETOWN, Thursday.-The House of Assembly passed the second reading of the Cruelty to Animals' Bill by a majority of twenty-nine. The Bands' Registration Bill passed through Committee, and progress was made with the Game Laws Amendment Bill. The Jurors Bill was read a second time, and a motion was agreed to for the survey of a railway from Fraserburg Road northwards to Upington. The Rinderpest Bill was read a second time, and the committee stage will be taken this afternoon,

